Isalathiso: 20200828-7749
Inombolo yefayili: 13/9/2
Imibuzo: F Haffejee

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye*FET*: DCF 0006/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu kunye nakooTitshala beeLwimi bezikolo eziziisekondari

Isihloko: Isikhokelo sovavanyo lonxibelelwano ngomlomo kuzo zonke iilwimi zaseburhulumenteni ezibonelelwa kuviwo lweSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*National Senior Certificate*) (*NSC*))

1. ISebe leMfundo esiSiseko likazwelonke likhuphe iSetyhula S5/2020, yowe-11 Agasti 2020 etshitshisa nethatha indawo yeSetyhula S3/2008, yowe-08 Meyi 2008. Le setyhula isingethe:
   a) Iimfuno ezimiselweyo zeemviwo ze-orali kuzo zonke iilwimi zaseburhulumenteni ezibonelelwa kuviwo lwe*NSC* (**isiHlomelo 1**).

   b) Ingcaciso ebaluleke gqitha emalunga novavanyo lwe-orali lweeLwimi zeeNkobe zaseburhulumenteni, ezeeLwimi zokuQala nezeSibini ezoNgezelelweyo ezibonelelwa kuviwo lwe*NSC*.

   c) **IsiHlomelo 2** siqulethe iirubrikhi zovavanyo lonxibelelwano ngomlomo ezihlaziyiweyo.

2. ISetyhula S5/2020, yowe-11 Agasti 2020, kufuneka ifundwe kunye nala maxwebhu alandelayo:

   - *The National Senior Certificate: A qualification at Level 4 on the National Qualifications Framework (NQF);*
   - *Curriculum and Assessment Policy Statement (CAPS) (Grades 10-12) for Official Languages;*
   - *Abridged Section 4: FET Grade 10-11 Caps Amendments, (*Implementation date: January 2020); and
   - *National Protocol for Assessment: Grades R-12* (January 2012).

3. Kucelwa kuqatshelwe ukuba ikharityhulam elungelelanisiweyo isasebenza ngo-2020.

4. Kulindeleke ukuba okukwiSetyhula S5/2020 kuphunyezwe ngoko nangoko ngo-2020 (**isiHlomelo 3**).

5. Ootitshala beelwimi mabaqaphele ukuba akuyomfuneko ukuphinda kwenziwe kwakhona naluphi uvavanyo lwemisebenzi ye-orali egqityiweyo ukuza kuthi ga ngoku. Iirubrikhi ezintsha mazisetyenziselwe nayiphi na imisebenzi ye-orali engekenziwa.

6. Kucelwa iinqununu zazise okukule ngcaciso imfutshane kubasebenzi abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2020-09-07